Speech by **Mlindi Nhanha MP**
***DA Spokesperson on Land Reform and Rural Development***

Ndibamba ngazo zozibini Somlomo wendlu yoshukuxo mithetho, kule nyanga yokuzingca ngamasiko nezithethe zethu.

Yive imbongi yesizwe umfo kaMqhayi waseNtabozuko kuluncwadi lwakhe, kwinkudla kaZanzolo kuthethwa ityala lamawele kaVuyisile.
Suke kwevumbululu umNtakwende umfo kaLangeni esithi, “ndaze ndalubona uzwathi letyala, ndaze ndalubona uzwathi lwetyala. Kwasa saxhinxa, kwasa safak’ ithwathwa. Se zingaphi na ngoku iinkunzi zalomzi kaPhalo. Fudula sisithi nguHintsa, akukho yimbi”.

Ngenene kwasa saxhinxa ngoEskom kwasa safik’ ithwathwa ngoEskom, uEskom lo uhlala esemilebeni yabemi boMzantsi Afrika phofu simgathethi kamnandi ngaye. Kususela ngomnyaka ka2007 uEskom waqalisa ngeloadshedding. Abantu boMzantsi Afrika baphulukana nemisenzi kuba abaqhashi bengasakwazi ukubahlawula imivuzo, amanye amashishini ade avala kwasala ngemva iintsizi iintsizana neenkedama ngenxa yakho Eskom.

Ndithe ndisancoma isadambile iloadshedding kodwa ndikrokra, andavuma kuginya noba kuyakrakra, akukrakri kuba kukrakra koko kukrakra kuba ndikroka, gabula Gcwanini.

Kodwa Eskom sasikwenzeni lento wasuka wafana noThomas ufuna ukufaka isandla ecabangeni khonukuze ukholelwe ukuba ngenene intlaninge yabemi belilizwe baxhatshazwa linxele likakhetsekile,
ikati ilele eziko ngenxa yentlupheko nentswela-ngqesho baxhomekeke kwinkam-nkam nezinye izibonelelo zikarhulumente.

Usis Bongeka Galadla wakwilali yaseMahlunguli kuQumbu, akasebenzi kwaye akanaqabane lokumncedisa ukondla akhulise abantwana bakhe abathathu nabazukulwana ababini, uxhomekeke kwisibonelelo sikarhulumnte sabantwana esiyiR2100 ngenyanga.

Kobobugcwabalalana besibonelelo uthenga umbane wenyanga ngeR350 kusale iR1750 yokuthenga ukutya kwakunye nezinye iimfuno zekhaya kuquka nezabantwana. Ngoku ukuba uEskom siyamvumela uBongeka uzakunyanzeleka achithe iR510 yokuthenga umbane asale nemvilikitshane yokuthenga ukutya nezinye izinto ezingundoqo ekhayeni.

Umakhulu ohlala nabantwana bakhe nabazukulwana abangasebenziyo, uzakufuneka akhethe phathi kokuthenga ukutya azokondla usapho okanye athenge umbane.

Malungu ahloniphekileyo iluxanduva lwethu sonke ukuba siyimele ngeenyawo lenyewe kaEskom, izakusichaphazela sisonke ukuba siyayivumela leprotection fee uEskom ayifuna kwimpula zikalujaca. Icace okwekanti emhlophe ehlungwini, olulonyuso maxabiso lifunwa nguEskom luzakuba nemiphumela enomdintsi kuluntu jikelele. Ngoko ke zidwesha nani zidwangube masiwubhinqe ube mfutshane simheshe simbhebhethe uEskom necebo lakhe.